

ISAZISO SOLUNTU JIKELELE

UKUSUNGULWA KWESIGABA SESI-3 SEMIQATHANGO YOKUSETYENZISWA KWAMANZI

UMasipala waseSwartland usivumile isigaba sesi-3 semiqathango yokusetyenziswa kwamanzi ukususela ngomhla we-14 kuDisemba 2018 de kukhutshwe esinye isaziso.



IMIQATHANGO ECHAPHAZELA ZONKE IIKHASTOMARA

- Unkcenkcesho (ngamanzi okusela avela kwamasipala) lweegadi, ingca, iintyatyambo nezinye izityalo, iimifuno, amabala ezemidlalo, iipaki, kunye nezinye iindawo ezivulelekileyo luvunyelwe ngooLwesibini, ooLwesine nemiQgibelo kuphela phambi kwentsimbi yesi-9 kusasa (09:00) okanye emva kweyesi-6 ngokuhlwa (18:00), kuphela xa kusetyenziswa umbhobho ovala uzivule okanye ibhakethi okanye itoti yokunkcenkcesha. Izixhobo zokunkcenkcesha ezizisebenzelayo azivumelekanga.
- Amabala egalufa (ngokubhekiselele kwigrini/iindawo zokubethela ibhola yegalufa emngxunyeni), izikolo, amaziko emfundo, imiyezo yezityalo (iinesari) neekhastomara ezibandakanyeka kwezolimo ziyaxoleleka kwezi zinto zingentla apha, kodwa ziyabongozwa ukuba ziwasebenzise ngcathu amanzi. Apho kulungayo, makusetyenziswe ezinye iintlobo zemithombo yamanzi.
- Zonke iindawo apho kunokusetyenziswa khona ezinye iintlobo zemithombo yamanzi, angengawo awokuselwa (umz. amanzi emvula, amanzi ahlaziyiweyo, amanzi ogutyulo acociweyo, amanzi asemthonjeni, aweepitsi nawemingxuma ekutsalwa kuyo amanzi) kufuneka zibe nepleyiti ezifanelekileyo ezibhaliweyo ezichaza loo nto, pleyiti ezo ezikwiindawo ezisekuhlani ukuze zibonwe luluntu.
- Akuvumelekanga ukugutyula imigangatho eqinileyo neendawo eziipeyivishiweyo ngamanzi okusela. Bayaxoleleka abasebenzisi abafana nezilarhpali, amashishini enza iintlobo ngeentlobo zokutya, amashishini/oosokotraka abasebenzisa amanzi ukulungiselela ukupeyinta nezinto ezifana nezo, iindawo ezijongene nokunyamekela uluntu ndawonye neendawo zokukhusela izilwanyana, nangona kunjalo (1) izixhobo zamanzi mazingashiywa zingakhathalelwanga xa zingasetyenziswayo kambe zingashiywa zingavalisiswanga, kananjalo (2) wonke amathumbu okunkcenkcesha makabe nesixhobo esizivalayo okanye abe nesixhobo sokufafaza esixinzelelo luphezulu (WAP). Ukusetyenziswa kwezixhobo zokufafaza (iiWAP) kunyanzelekile apho amanzi aza kusetyenziselwa ukupeyinta okanye izinto ezifana nezo.

IMIQATHANGO ECHAPHAZELA IIKHASTOMARA ZASEKUHLALANI

- Ukuhlanjwa (ukusetyenziswa kwamanzi okusela) kwezithuthi nezikhithana kuvumeleka kuphela xa kusetyenziswa ibhakethi.
- Bonke abahlali kufuneka bangasebenzisi amanzi okusela kamasipala angaphezu kweelithere ezili-15 zizonke umntu ngamnye, nokuba usekhaya, emsebenzini okanye kwenye indawo.
- Ukugcwaliswa kwedama lokuqubha ngesandla kuvumeleke kuphela xa idama elo linto yokuligquma. lindlela zokugcwalisa ezizenzelayo azivumelekanga.
- Amadama okuqubha amatsha kuvumeleke ukuba agcwaliswe ngamanzi aphuma kwimithombo engeyiyo eyamanzi okusela.
- Akuvumelekanga ukusetyenziswa kwamadanyana okudlala nemityibilizi egcwaliswa umoya ngaphandle kokuba kusetyenziswa majelo wambi wamanzi.
- Iikhastomara zicetyiswa ngamandla ukuba zifakele izinto ezonga amanzi kwizixhobo ukuze kuphungulwe ukusebenziseka kwamanzi koompomi, kwiishawara nakwezinye izinto ezenzelwe ukusebenzisa amanzi.

IMIQATHANGO ECHAPHAZELA IIKHASTOMARA EZINGEZIZO EZASEKUHLALENI

- Amashishini ahlamba iimoto ngenjongo yokwenza ingeniso kufuneka alandele ezona ndlela zizizo zokusebenzisa amanzi kwimoto nganye ehlanjiweyo.
- Abantu abazihlambelayo iimoto mabasebenzise iibhakethi kuphela; bangawasebenzisi amathumbu okunkcenkcesha.
- Apho kulungayo, kukhuthazwa ngamandla ukusetyenziswa kwezinto zokugquma amadama okuqubha kumadama okuqubha kawonke-wonke.
- Iinkqubo zokugcwalisa amanzi kumadama okuqubha ezizisebenzelayo azivumelekanga.
- Amabala egalufa, amabala ezemidlalo, iipaki, izikolo namaziko emfundo akuvumelekanga ukuba asungule umsebenzi omtsha wokuphucula imbonakalo yomhlaba kambe kungavumelekanga nokwenziwa kwamabala amatsha ezimidlalo, ngaphandle kokuba ezo zinto ziza kunkcenkceshwa ngamanzi angengawo awokusela.

IIFAYINI

Ukusilela ekuthobeleni nayiphi na imiqathango kuya kuthatyathwa njengotyeshelo lomThetho kaMasipala oNxulumene noBonelelo ngaManzi, iiNkonzo zoCoceko kunye noGutyulo oluPhuma kumaShishini, 2014. Ummangalelwa uya kuba nobutyala bokuhlulwa ifayini esisivumo-tyala engama-R2 000,00 kunye/okanye, ngokwecandelo 69(3), uya kufakelwa imithara yamanzi yohlobo lweAqaloc okanye nasiphi na isixhobo esicuthayo (esilawula ukusetyenziswa kwamanzi mihla le) kwiindawo apho kukho ukungathotyelwa kwemiqathango. Iindleko zoko ziya kuhlululwa lowo umgumnini akhawunti.

UXOLELEKO

Iikhastomara ezineemfuno ezizodwa zingafaka isicelo soxoleleko kuthintelo lokusetyenziswa kwamanzi. Yiya kwiwebhusayithi yethu (www.swartland.org.za) ukuze ufumane ifomu yokufaka isicelo. Qaphela kambe, ukuba lonke uxoleleko olufunyenweyo phantsi kwezithintelo zenqanaba 5 nenqanaba 6 ziya kuhlala zisebenza.

UKUSUNGULWA KWEENTLAWULO EZICUTHIWEYO ZAMANZI

Kuya kusungulwa ezi ntlawulo zilandelayo ukususela kumhla wokuthunyelwa kwe-akhawunti emele kuhlululwa ebudeni bukaJanyuwari 2019 kubasebenzisi nemele kuhlululwa kungadlulanga umhla wama-31 kuJanyuwari 2019.

UMasipala, apho amanzi amoshwayo, usenokufaka iimithara zohlobo lwe-Aqualoc (ezo zimithara ezimisela umyinge wamanzi amakusetyenziswe ngosuku) xa efuna ukukwenza oko.

IINTLAWULO EZICUTHIWEYO/...

Ngokubhekiselele kubasebenzisi basekhaya:

	Intlawulo ngeyunithi (kl)
0 - 4 kl	R5,13 nerhafu iVAT
5 - 10 kl	R8,80 nerhafu iVAT
11 - 15 kl	R16,06 nerhafu iVAT
16 - 20 kl	R16,61 nerhafu iVAT
21 - 25 kl	R30,18 nerhafu iVAT
26 - 50 kl	R62,90 nerhafu iVAT
51 kl nangaphezulu	R86,80 nerhafu iVAT

Ngokubhekiselele kumashishini:

R22.00 nerhafu iVAT ukususela kwikhilolithere e-1 yamanzi asetyenzisiweyo

Ngokubhekiselele kwizikolo, amaziko karhulumente neeklabhu zemidlalo:

R23.32 nerhafu iVAT ukususela kwikhilolithere e-1 yamanzi asetyenzisiweyo

J J SCHOLTZ
UMPHATHI KAMASIPALA

Disemba 2018